USHWANKATHELO LWENGXELO yonyaka mali 2014/15

IMBULAMBETHE EYENZIWE NGUSIHLALO

Ngexesha apho siphulukana neentlobo zezityalo nezilwanyana ngeqondo elingenakufaniswa nanto, nangexesha apho sisebenzisa imithombo ngokukhawuleza kakhulu kunokuba imeko-bume esingqongileyo yendalo ikwazi ukuyibuyise, ukulondolozwa kwembonakalo-mhlaba yemveli neenkqubo ezihamba nayo kuyinto eya inyanzeleka ngakumbi. ISithili se-Cape Floristic, esiphantse sonke sifumaneka kwiPhondo leNtshona Koloni, ngokungathandabuzekiyo yenye yezona ndawo zisengozini ngokumandla zezityalo nezilwanyana elizweni liphela.

Iqondo lotshintsho kwimingeni ephambili ekuhlangatyezwene nayo kule minyaka idlulileyo, lonyukile. Le iquka ukuguquka kokusetyenziswa komhlaba noxinzelelo kwimisebenzi yophuhliso, ukuphulukana nezityalo nezilwanyana ezohlukeneyo nokuthi rhoqo kunikezelwa ngenkonzo yezityalo nendawo ezihlala kuzo, ulawulo lwemililo, ukungenelela kweentlobo zezityalo ezitshabalalisayo, ukucutheka kwemithombo yamanzi ahlaziyekileyo nokutshintsha kwemozulu.

Njengoko siziziphatha-mandla zolondolozo lwendalo nabagcini bezityalo nezilwanyana ezohlukeneyo kwiPhondo leNtshona Koloni, abe-CapeNature bayaqhuba nokubeka phambili le misebenzi ukujongana nale mingeni. Oku kwenziwa ngendlela ehlanganisiweyo ngeenkqubo zayo ezohlukeneyo zobunkokheli, neziquka ukusekwa kweezowuni ezingumda zokhuseleko okanye iipaseji, iingcebiso ngokusetyenziswa komhlaba nokwandiswa ngendlela elungiswe kwangaphambili kwendawo ekhuselekileyo, ulawulo oluhlanganisiweyo lwemililo nezityalo ezitshabalalisayo ezingezizo zalapha nokuhlaziywa ngokutsha kwemithombo yamanzi ahlaziyekileyo nendawo akuyo. Le ndlela ixhaswa liqonga lokwandiswa kolwazi lwezobugcisa nokusetyenziswa kobuChwepheshe kuNxibelelwano ngoLwazi ngokunjalo nokunyanzeliswa komthetho.

Abe-CapeNature bajongene nomngeni othe gqolo wokulinganisa ulondolozo lwezityalo nezilwanyana neendawo ezihlala kuzo noxinzelelo olwandayo lokuphela kwemithombo yendalo, nokubangelwa kukwanda ngeqondo elingenakufaniswa nanto kwabantu nophuhliso loqoqosho olumandla.

Nangona kunjalo, akunakuphikiswa ukuba izityalo nezilwanyana ezohlukeneyo zibonelela ngemithombo ebalulekileyo (efana nokutya, amayeza, iimveliso ezikrwada) neenkonzo (ezifana

nomoya ococekileyo, amanzi aselwayo, ukulahlwa kwenkunkuma, ukulawulwa kwemozulu) ebantwini.

Nangona le mingeni ikhankanywe ngentla idinga iimpendulo ezimandla nezintsha, makuqwalaselwe ukuba ekupheleni komjikelo wesicwangciso-buqili seminyaka emihlanu (2009-2014), lo mbutho ube nempumelelo kwaye kumatyeli amaninzi wogqithe le kwimisebenzi emiselwe yona.

Amagqabantshintshi eli xesha liphengululwayo aquka ukwandiswa kweepropati zombini zolondolozo lwendalo zabe-CapeNature ngokunjalo nobume bayo kwezentengiso nokhenketho kujongwa izilwanyana nezityalo; zombini zibonise okuhle kuzinzo lwexesha elizayo.

Owona msebenzi mkhulu utyhafisayo nobandakanya zonke izinto kumsebenzi wokulawulwa kolonzolozo lwezityalo nezilwanyana ngumsebenzi ongenakwenziwa ngubani eyedwa. Kule meko sibulela *phakathi kwezinye izinto* iSebe leMicimbi yokuSingqongileyo lesizwe (iiLwandle namaNxweme, uLawulo lweMithombo yeNdalo nokuKhuselwa kweMeko-bume eSingqongileyo neeNkqubo zeZiseko zoPhuhliso); iSebe leMicimbi yokuSingqongileyo kwiPhondo noCwangciso loPhuhliso ngokunjalo neSebe leZothutho neMisebenzi yoLuntu; iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho kwisizwe; i-ofisi kaNondyebo; iSixeko saseKapa; abe-Southern African Foundation for the Conservation of Coastal Birds (SANCCOB) ngokunjalo nemibutho eliqela yolondolozo lwezilwanyana zasendle neenkqubo zophuhliso lolutsha, ngoncedo lwayo oluxabisekileyo nentsebenziswano.

Ixesha lemililo ngonyaka ka-2014/15 yayilelona xesha linzima elakha lakho. Kwakhona, ngokubambisana naboLawulo lweNtlekele kweli phondo, abe-CapeNature bajongene ngokufanelekileyo nomngeni wabo kwaye babonelela ngoqeqesho kwiqela elandayo labacimbi-mlilo.

Imingeni eliqela yangaphakathi iqulunqe indlela yabe-CapeNature kulo nyaka udlulileyo. Imingeni eliqela kule yabangelwa ziinkokheli ezitshintshwayo kule minyaka mithathu idlulileyo nokungabikho kozinzo okubangelwe koku. Ngelishwa iGosa elitsha eliyiNtloko kwiSigqeba, uGqr Razeena Omar, lize namandla alungileyo nozinzo kulo mbutho. Oku, ndawonye nokugxilwe kuko okuhlaziyiweyo kumalungu angengawo eSigqeba seBhodi, kuvumela iBhodi ukuba izalisekise ngokukuko uxanduva lwayo lokuthembana njengeziphatha-mandla zokubek'iliso nezolawulo. Ngozinzo lwangaphakathi olumiselweyo ngoku, abe-CapeNature bakulungele ngoku ukongeza ixabiso kulondolozo lwezityalo nezilwanyana nophuhliso loqoqosho.

Imeko yembali ejoliswe ekubeni umbutho ube ngokhethekileyo, kuhlonelwa indlela yokufikelela kwimithombo elawulwa ngabe-CapeNature neendawo ezikhuselweyo, iyaguquka. Ulondolozo ngempumelelo lwezilwanyana nezityalo kuxhomekeke ngokukodwa ekwazisweni nakwinkxalabo ngokunjalo noxanduva lwabemi bethu. Ngako oko, ukuze kumiselwe uthando lwemeko-bume esingqongileyo nokuqonda nokuthakazelela ukuxabiseka kwezityalo nezilwanyana ezohlukeneyo, abe-CapeNature bazama ukuququzelela indlela yokufikelela komntu wonke.

Imfundiso ngokusingqongileyo nophuhliso lolutsha kufanele ukuba kube ngumcimbi ophambili. Abe-CapeNature bazama ukwahlula ukuhlonipha nokuthanda indalo eluntwini. Ngokwenz aoko, oku kusisiseko sokuzenzela ukuzihlonipha nokuqonda nokuzimela phakathi kwendalo

nabantu. Ngokukodwa, ulutsha, oluziinkokheli zethu zangomso, ludinga ukuqonda ukubaluleka kokukhusela izityalo nezilwanyana ezohlukeneyo, ukuba oko kwenzelwa ukuba kuxhamle abantu abazijongayo. Ngalo ndlela abe-CapeNature badlala indima ebalulekileyo 'ekunyangeni' uluntu lwethu.

Ngaphezulu, lo mbutho ubalulekile ekukhuthazeni uhlumo loqoqosho nokubekwa kwePhondo leNtshona Koloni njengeZiko loQoqosho olungenabungozi kokusingqongileyo.

Abe-CapeNature, njengequmrhu elinemisebenzi eliqela, lidinga ubuchule babasebenzi abaninzi abazinikeleyo ukuze namisele esi sigunyaziso sabo. IGosa eliyiNtloko kwiSigqeba neqela ngokubanzi leSigqeba banoxanduva lokuqhubela phambili iinjongo zocwangciso-buqili zalo mbutho. Amaqela ee-ofisi zikandlunkulu anegalelo lokongamela yonke imisebenzi eyimpumelelo yalo mbutho nokuqinisekisa ulawulo lweziko. Abasebenzi kumaziko ethu olondolozo lwendalo adibana noluntu ngokubanzi kwaye amaxesha amaninzi adala impembelelo eyamkelekileyo yalo mbutho.

Amalungu ekomiti yoochwepheshe adlala indima ekhethekileyo njengoko ubuchule babo bubalulekile ekukhokheleni lo mbutho. Amalungu angengawo esigqeba kwiBhodi anendima yokubek'iliso nalapho ebeka esweni kwaye ekhokhela indlela yokusebenza ngokubanzi yombutho phantsi kwesikhokhelo solawulo olululo lweziko.

Ngenxa yoko ndinqwenela ukuvakalisa uthakazelelo lwam kubo bonke 'abathathi-nxaxheba kwiqela' ngendima yabo ngeli xesha liphengululwayo.

Izwi lombulelo kulowo ndingene ezihlangwini zakhe, uMnnu Eduard Kok, ogqibezele ixesha lakhe lomsebenzi ngomhla wama-31 Januwari 2015 ngenxa yeengxaki zosapho. Kwakhona, ndenza umbulelo omkhulu kumalungu amabini angengawo esigqeba kwiBhodi, uNksz Francina du Bruyn noGqr Dr Edmund February, ixesha labo lokusebenza elaphela ngomhla wama-31 Matshi 2015. La malungu eBhodi lilinye kuwo adlale indima ebalulekileyo ngexesha leenguqu ezidlulileyo kwaye sibanqwenelela bona neentsapho zabo okuhle kuphela kwixesha elizayo.

Umbutho usebenza kakuhle kuphela xa abantu abasebenza kuwo bebonakalisa ukuzimisela okungako. Ndingatsho ngaphandle kwamathandabuzo ukuba abasebenzi be-CapeNature namahlakani ayo ohlukeneyo bezimisele ukudlala indima zabo noxanduva lwabo.

Ubani kumele ukuba ajonge indlela abantu abaphantsi koxinzelelo olungako abazimisele ngayo ukujongana nook kumele ukuba kwenziwe, nokuba bajongene nengozi nentlekele enokonzakalisa abantu. Sithatha eli thuba ukuhlonipha abo abazenze idini ngokumandla besenzela ukuba kuxhamle izizukulwana ezizayo ekugqibeleni.

UNjingalwazi Gavin Maneveldt
USihlalo weBhodi yezoLondolozo lweNdalo eNtshona Koloni

AMAGQABANTSHINTSHO EGOSA ELIYINTLOKO KWISIGQEBA

Amagqabantshintshi

Ngonyaka-mali ka-2014/15 abe-CapeNature basungula inkqubo yothetha-thethwabo noluntu ngenjongo yokuqulunqa isicwangciso-buqili esitsha sokukhokhela ukumiselwa kwesigunyaziso sethu seminyaka emihlanu ezayo. Isicwangciso-buqili sabe-CapeNature sikhokhelwa ngumbono omtsha, wokulondoloza indalo kusenzelwa ikamva elizinzileyo, ubizo olutsha, ekukulawula, ukulondoloza nokuphucula uluntu lwethu, indalo esingqongileyo neendawo zamafa kusetyenziswa iinkqubo ezingcono, indlela yokufikelela, ukwabelana ngenzuzo nokusebenzisa ngendlela ezinzileyo. Ngokungqinelana nezi zinto zimbini, eli qumrhu liqulunqe iqela leenqobo ezixabisekileyo ngenjongo yokukhokhela lo mbutho kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo, ezaziwa ngokuba ziinqobo ze-C.A.R.E. Iinqobo zethu ze-C.A.R.E. zezi: iNkonzo kuBaxumi, uThatho-xanduva, iNtlonipho, neeNqobo eziseSikweni.

Isiganeko esibalulekileyo kwimbali yakutsha nje yabe-CapeNature senzeke ngexesha kwakubhengezwa uMmandla woLondolozo lweNdalo iKnersvlakte. Ukubhengezwa kwalo mmandla wolondolozo lwendalo, nemalunga nama-85 518 ha ngobukhulu, kube negalelo elimandla ekwandisweni kweendawo ezikhuselweyo zalo mbutho.

Kwajongwana nemililo eli-153 ephelele ngeli xesha; elamva ilelona nani liphezulu lemililo ekuthe kwajongwana nayo kwisithuba seminyaka-mali eli-17. Le mililo yakhokhelela ekubeni kutshe umhlaba olinganiselwa ngaphezu kwe-133 129.31 ha, nto leyo ethe yabeka uxinzelelo olumandla kwimithombo yemali. ISebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso labela isixa-mali se-R3.1 lezigidi njengenkxaso-mali eyongeziweyo ngenjongo yokucutha uxinzelelo kwimithombo. Nangona kunjalo, ekupheleni kwexesha eliphengululwayo, imfanelo yeemeko ezingalindelekanga yeli qumrhu ihleli ingaguqukanga kuma-R52.2 ezigidi.

Iziko lezokhenketho labe-CapeNature okoko lalondolozwa landiswa kusenzelwa uluntu ngokubanzi. Ingeniso efunyanwa kwimisebenzi enxulumene nezokhenketho yodlule ngaphaya kohlahlo-mali olulindelweyo ngomyinge wama-24.6%. Ngeli xesha liphengululwayo, kwagqityezelwa imisebenzi yophuhliso lwamaziko okhenketho amabini, uMmandla woLondolozo lweNdalo iRocherpan ne-Cederberg, kwaye abe-CapeNature baphumelela ukunikezela ngeeprojekthi ezintandathu eziphuculweyo. Kucingelwa ukuba le misebenzi yophuculo nokwandisa iza kuza nengeniso eyongeziweyo kule minyaka izayo.

Amagqabantshintshi jikelele ezemali

Iyonke ingenizo eyenziwayo ngabe-CapeNature yafikelela kuma-R303 465 ezigidi ngeli xesha liphengululwayo. Kule meko, eli qumrhu lasebenzisa isixa-mali sama-R245 227 ezigidi (99.6%) kwisixa-mali sama-R246 095 ezigidi esasifunyenwe kwiSebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso kwaye inkxaso-mali eseleyo yenziwa kwiiprojekthi ezikhethekileyo nakwiindlela zengeniso zeli qumrhu.

Kwathathwa isigqibo sokugxininisa ekongezeni indlela yokwenza ingeniso yequmrhu ukujongana neengxaki zezimali ezimandla.

Ngeli xesha liphengululwayo, inkxaso-mali yengeniso yeli qumrhu efikelela kuma-R33 290 ezigidi yodlulwa ngesixa-mali se-R2 674 ezigidi (8.03%). Ukwenziwa kwengeniso ngeenkqubo zalo zengeniso ezifana nezokhenketho, iilayisenisi neempepha-mvume ngokunjalo nenzala efunyenweyo, kwadlula ngaphaya kwengeniso elindelweyo ngomyinge wama-24.6%, 52.3% ne-114.3% ngokulandelelana kwazo. Uhlahlo-mali olungentla olwafunyanwa ngemisebenzi yezokhenketho lubalelwa ekuphuculweni kweendawo zokuhlala, imirhumo yokungena eyafunyanwayo, ukuthengiswa kwamaKhadi eehambo zaseNdle nokusingathwa kwemisitho yodelo-ngozi yangaphandle kule mimandla yolondolozo lwendalo. Ngaphezulu, iCandelo lokulwa noLwaphulo-mthetho kwiZityalo neZilwanyana labe-CapeNature lakwazi ukwenza igalelo lama-R907 375 kwingeniso yalo mbutho ngokutshutshisa ngempumelelo abophuli-mthetho nangokukhupha imidliwo ngonyaka-mali ka-2014/15.

Izibonelelo-nkxaso: Ingeniso efunyenwe kwizibonelelo-nkxaso zikarhulumente nenkxaso-mali kwiiprojekthi ayizange isetyenziswe ngokwaneleyo ngesixa-mali se-R18 310 lezigidi, ubukhulu becala ngenxa yokuqukunjelwa emva kwexesha kwezivumelwano neSebe leMicimbi yokuSingqongileyo nangenxa yeqela lemililo yamadlelo nangenxa yemisebenzi yoonokontraka engazange igqitywe ngenxa yeemeko ezingakhuselekanga. ISebe leMicimbi yokuSingqongileyo, lisebenzisa iNkqubo yoKhuseleko lokuSingqongileyo neZiseko zoPhuhliso, laphumeza inkxaso-mali ngesixa-mali sama-R63.9 ezigidi kusenzelwa ukumiselwa kweeprojekthi kwiMimandla yoLondolozo lweNdalo eDriftsands, eKnersvlakte, eDe Hoop nase-Anysberg kwiminyaka elandelayo emithathu. Ukubiywa nokuphuculwa kweendlela kuza kwenziwa ngale nkxaso-mali.

Abo banamatyala kwabe-CapeNature afikelela kwi-R6.9 ezigidi, nalapho isixa-mali se-R5.8 ezigidi simele amatyala angaphantsi kweentsuku ezingama-30. Isixa-mali esiseleyo esifikelela kwi-R1.1 lesigidi sinxulumene neengqeshiso nabo banamatyala avunyiweyo. Eli qumrhu lamisela amanyathelo okufumana imali esileleyo.

Ngo-Matshi 2015, kwaqhutywa uqingqo-maxabiso lwemihlaba nezakhiwo ngabaqingqi-maxabiso abadumileyo. Kule meko kwafunyanwa uqingqo-maxabiso oluphezulu ngamaxabiso afikelela kuma-R550 000 nama-R810 574, nolubonwa njengoqingqo-maxabiso olufanelekileyo kwezi propati.

Iimeko zokusetyenziswa kwemali liqumrhu likarhulumente

Ngenxa yolungelelwaniso ekwahlulweni kwengeniso yeSikhokhelo seNkcitho-mali yeXesha eliPhakathi, eli qumrhu lazamela ukomeleza indlela yokusetyenziswa kwemithombo yalo yengeniso ngokubambisana nokufumana ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwemali kwimithombo ekhoyo nokumiselwa kwamanyathelo okongiwa kweendleko.

Iimfuno zokusebenza zezothutho neehambo zathityazwa yimfuneko yokuhlangabezana neemfanelo zeqela leZithuthi zikaRhulumente, nezakhokhelela ekucuthweni kwenani lezithuthi zeli qumrhu.

Iyonke ingeniso yeli qumrhu yayinganeno kohlahlo-mali ngesixa-mali se-R13 176 lezigidi, imeko ebalelwa ubukhulu becala ekulityazisweni kokuqukunjelwa kwenkxaso-mali yezibonelelo-zenkxaso ezikhethekileyo liSebe leMicimbi yokuSingqongileyo.

Iingxaki nemingeni yobuchule ezijongene nequmrhu likarhulumente

Eli xesha liphengululwayo liphawula unyaka wokuqala wokucuthwa kwesabelo sesixa-mali se-R13 lezigidi kwi-MTEF (2014/15 ukuya ngo-2016/17). Olu lungelelwaniso lwavela ngenxa yokuphononongwa kokwahlula-hlulwa kwengeniso phakathi kweSebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso nabe-CapeNature.

Ngokucuthwa okufumaneka kwimithombo ngesixa-mali sama-R39 ezigidi kwi-MTEF, imisebenzi yeli qumrhu nokwanda kwabasebenzi kwanyanzeleka ukuba kucuthwe njengoko amaqondo okusebenza engasenakugcinwa enjalo. Ngonyaka-mali ka-2014/15, izithuba zemisebenzi ezixhaswa ngemali, ngexabiso elifikelela kwi-R6.6 ezigidi, azizange zigcwaliswe kwaye eli qumrhu laqhubeka lithibaza ukwanda kwabasebenzi ngenxa yokungakwazi ukufezekisa esi sinyanzeliso. Ukucuthwa okuseleyo ngesixa-mali se-R6.4 ezigidi kwimisebenzi kwachaphazela ulawulo olufanelekileyo lwemimandla yolondolozo lwendalo.
Ngokusisiphumo soko, imithombo elinganiselweyo yanyanzelisa ukuba eli qumrhu ligxininise ngokukodwa kwizikhokhelo zamacandelo nakwiinjongo zorhulumente wesizwe.

Ukuphucula ukusebenza ngokukuko, eli qumrhu ladibanisa iindawo ezisibhozo zazizithili ezintathu, ungenelelo oluza kuba neenzuzo yexesha eliphakathi nelide. Nangona kunjalo, ukuzinziswa kwezinyanzeliso zabasebenzi kuhleli kungumngeni ndawonye nohlumo oluthintelweyo kwinkxaso-mali yemisebenzi efunekayo.

Imisebenzi eyanqunyanyiswayo/imisebenzi eza kunqunyanyiswa

Iinkqubo zequmrhu zihleli zifanelekile, zithungelana kwaye zingqinelana nemisebenzi ephambili karhulumente wesizwe nowephondo. Ngenxa yoko, akukho nkqubo zanqunyanyiswayo ngeli xesha liphengululwayo. Ngaphezulu, ukuqwalasela ukubaluleka kwemisebenzi exhasayo enoxanduva lokuqinisekisa ulawulo, ukuthobela nokuzinza kwemithombo yengeniso, eli qumrhu alizange libone macandelo ekumele ukuba anqunyanyiswe.

Ngenxa yeengxaki zezimali, eli qumrhu alikwazanga kubonelela ngokonyuswa nokusisiseko kuzo zonke iinkqubo. Ngenxa yoko, iinkqubo ziqhutywa ngokwamaqondo onyaka-mali ka-2013/14.

Imisebenzi emitsha okanye ephakanyisiweyo

Umhlaba oyipaseji ye-Dassenberg Coastal Catchment Partnership kunye ne-Stony Point African Penguin Colony Complex yanikezelwa kwiqonga lolawulo labe-CapeNature kulo nyaka uphengululwayo.

Ukwenza mandundu umngcipheko owayanyaniswa nolawulo lwezoLwazi nobuChwepheshe kwezoNxibelelwano, iSebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso labela isixa-mali se-R5 lezigidi kweli qumrhu ngenjongo yokuxhasa ukhuseleko lwezoLwazi nobuChwepheshe kwezoNxibelelwano. Le nkxaso-mali yasetyenziselwa ubukhulu becala ukuphuhlisa isiza sokuJongana neNtlekele kuMmandla woLondolozo lweNdalo eDriftsands.

Izicelo zokudluliswa kwenkxaso-mali

Ngokungqinelana nokufumana inkxaso-mali yamaphulo ezoLwazi nobuChwepheshe kwezoNxibelelwano, kwasekwa isiza sokuJongana neNtlekele, kodwa nangona kunjalo, ngenxa yobume obuntsonkothileyo bezixhobo zokusebenza, kwabakho ulibaziseko ekufunyanweni kwezixhobo ezixabisa kuma-R868 449. Ngenxa yoko, eli qumrhu lacela ukudluliswa kwenkxaso-mali kusenzelwa ukugqityezelwa kwesi siza.

ULawulo lweMisebenzi ebonelelwa ngoLuhlu lwabaxhasi

Zonke iziphakamiso zogqatso ezaqukunjelwayo ezingabongozwanga kulo nyaka uphengululwayo

Akuzange kufunyanwe zicelo zogqatso zingabongozwanga kulo nyaka uphengululwayo.

Ukuba ingaba iinkqubo zoLawulo lweMisebenzi ebonelelwa ngoLuhlu lwaBaxhasi zimiselwe na

Eli qumrhu lagcina iinkqubo zalo ezisebenzayo zoLawulo lweMisebenzi ebonelelwa ngoLuhlu lwaBaxhasi. UMgaqo-nkqubo woLawulo lweMisebenzi eBonelelwa ngoLuhlu lwaBaxhasi nokuNikezelwa kweSigunyaziso waphengululwa kwaye wamkelwa.

Imingeni efunyenweyo nendlela eza kusonjululwa ngayo

Ukumiselwa kweSisombululo esiHlangeneyo sokuThengwa nokuThengiswa kweMpahla sePhondo, kwakhokhelela kulibaziseko olungephi ekungenisweni kweziniki-maxabiso ngabanikezeli-nkonzo, njengoko bacelwa ukuba baziqhelanise nokungeniswa kweziniki-maxabiso besebenzisa le nkqubo.

Imicimbi yengxelo yophicotho kunyaka odlulileyo nendlela ekuza kujongwana nayo

Ukuxhobisa ulawulo lwangaphakathi, ukuphengululwa kwezenzo zobuqhetseba nomngcipheko kwabandakanywa kulawulo lwemisebenzi ebonelelwa ngoluhlu lwabaxhasi kuyo yonke imisebenzi yokuthengwa nokuthengiswa kwempahla. Kwaqhutywa uqeqesho olukhethekileyo ukuqhelisa abasebenzi.

Ingqikelelo/ izicwangciso zexesha elizayo zokujongana nemingeni yezimali

Eli qumrhu limisele amanyathelo angqongqo olawulo ngenjongo yokuqinisekisa imisebenzi yolawulo lwezimali ngokufanelekileyo. Kwaqhutywa uphengululo lwezimali rhoqo ngenyanga ngenjongo yokubeka esweni indlela esetyenziswa ngayo imali. Kwakhona, kwaphengululwa imigaqo-nkqubo yezimali ukuqinisekisa ukumiswa ngokusesikweni kweenkqubo.

Abe-CapeNature bazimisele ukuphucula indlela yokusetyenziswa kwemithombo yayo yengeniso kusaziwa imeko yeengxaki zemithombo yemali.

Ngaphezulu, ukuthotyelwa kwamanyathelo okucuthwa kweendleko, ukubeka ngokokubaluleka nokuchonga iinkqubo zorhwebo ziinkxalabo eziqhubayo.

Eli qumrhu likwazama ukulungisa ukungalingani phakathi kwabasebenzi nenkxaso-mali yokusebenza.

Iziganeko ezenzeke emva komhla wokwenza ingxelo

Ixesha lomngeni wokugqugqisa kwemililo lidlulele ngaphaya kweli xesha liphengululwayo. Eli qumrhu lijongene nemililo eli-18 ngo-Epreli 2015, kwatsha umhlaba ofikelela kwi-10 173 ha.

Ukwenzeka kwezoQoqosho

Nangona eli qumrhu lachatshazelwa ngokungathandekiyo luxinzelelo kwizimali kwaye lijongene nengxaki yokunqongophala kwemithombo, kwamiselwa amanyathelo aliqela ngenjongo yokucutha ezi ngxaki. Abe-CapeNature baqhuba ngamanyathelo angqongqo amiselwa yi-ofisi kaNondyebo weSizwe. Ukuzinikela kweli qumrhu ekwenzeni igalelo kuhlumo oluzinzileyo nokudalwa kwemisebenzi eNtshona Koloni kubonakaliswe yimisebenzi eyimpumelelo eyenziwe ngokumiselwa kweNkqubo eMbaxa yeMisebenzi yoLuntu.

Eli qumrhu lizama ukuxhasa ukwamkelwa kweenqobo ezamkelekileyo zezimali nezolawulo, ezimiselwe ekuphononongweni kwamaqondo okusebenza nawezimali ngokunjalo nokuthobela iinqobo ezisemthethweni. Ngeli xesha liphengululwayo, abe-CapeNature bafumana ibhaso lophicotho olungenamakhwiniba kuMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika, uluvo oluxhasa ubukho bamanyathelo olawulo okuqinisekisa uthatho-xanduva oluphuculweyo nobunkokheli obububo.

Izincomo/ okanye uThakazelelo

Ndincoma ngokumandla uqeqesho efunyenwe kooSihlalo bangaphambili nabakhoyo beBhodi, uMnu Eduard Kok noNjingalwazi Gavin Maneveldt ngokulandelelana kwabo.

IKomiti eSigxina yeSebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso nayo ibixhasa ngokufanayo. Kananjalo inkxaso emandla ifunyenwe kwangaphambili nakwamanye amasebe, kurhulumente wesizwe nowephondo – ngokukodwa ngokuphathelene nenkxaso-mali efunyenwe kwiSebe leMicimbi yokuSingqongileyo. Ndibulela kananjalo iSebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso ngendima yalo exabisekileyo yokongamela nakwiBhodi yabe-CapeNature nakwiiKomiti ngomkhomba-ndlela eziwunikileyo.

Okokugqibela, ndidlulisa umbulelo wam kubasebenzi bakwa-CapeNature ngokusebenza kwabo nzima nokuzinikela kwabo ngeli xesha liphengululwayo.

Gqr Razeena Omar
IGOSA ELIYINTLOKO KWISIGQEBA

INKCUKACHA YOVAVANYO LOMSEBENZI





ULWAZI NGE MALI

Unqualified audit report

24% increase in tourism revenue

R22m investment in assets

ABRIDGED FINANCIAL STATEMENTS*

ABRIDGED STATEMENT OF FINANCIAL PERFORMANCE

	2015	2014
	R'000	
Exchange Revenue	35 972	30 469
Transfer Revenue	267 493	259 557
Total Revenue	**303 465**	**290 026**
Employee costs	165 389	152 993
Other expenditure	114 445	125 923
Total Expenditure	**279 834**	**278 916**
Operating Surplus	**23 631**	**11 110**

ABRIDGED STATEMENT OF FINANCIAL POSITION

Current Assets	105 776	90 452
Non-current assets	107 500	90 704
Total Assets	**213 276**	**181 156**
Current liabilities	46 625	54 774
Non-current liabilities	60 181	45 368
Total liabilities	**106 806**	**100 142**
Net Assets	**106 470**	**81 014**

For a full set of financial statements please refer to our annual report which can be located on our website (www.capenature.co.za)